Kodwa wathi uNomnqwazana akuthoba indoko yakhe ekhwaza unina, ihlosi laxarywa ngenxa yokuba imihlati yalo yabamba umnqwazi owayesoloko ewuthwala. Ihlosi lakhala lisezindungwini. Layinikina ngamandla indoko yalo. Umlomo walo wawutshisa ngathi liginye amalale abomvu atshisayo. Umnqwazi wawutshise ulwimi lwakhe nomqala wakhe. Watsiba ebhedini wazama ukuya ngasemnyango ongaphambili.



“Ha! That’s for crunching up little children!” shouted the leopard opening his jaws wide to bite Little Hat.

But as Little Hat put her head down and shouted for her mother, the leopard’s jaws caught the golden hat that she always wore. The leopard screamed in pain. He shook his head from side to side. His mouth was burning as if he had swallowed red hot coals. The hat had burnt his tongue and his throat. He jumped off the bed and tried to make his way to the front door.

When she got back to her house, she helped Little Hat put on her shoes and socks. “It’s a good thing that you had your hat to protect you,” said Little Hat’s grandmother. “Without it, where would you be now?”

A little later she took Little Hat by the hand and together they walked back to her village. Once they got home they told Little Hat’s mother what had happened. Little Hat was scolded until the sun went down. Over and over, she had to promise that she would never talk to strangers again, until, at last, her mother forgave her.

To this day, Nandi (or Little Hat) has kept her promise. Sometimes you can see her in the village shopping for her mother. She only talks to the people she knows. And you will recognise her by the gold and fire-coloured hat that she always wears – the one that looks as if it is made of a ray of sunshine and a moonbeam.

Wathi akubuyela endlwini yakhe wancedisa uNomnqwazana ukunxiba izihlangu zakhe neekawusi. “Kuhle ukuthi kanti ubuwuthwele umnqwazi wakho ukuze ukhuseleke,” watsho umakhulu kaNomnqwazana. “Ngaphandle kwawo, ngowuphi ngoku?”

Emva kwethutyana wabamba uNomnqwazana ngesandla, bahamba kunye ukubuyela elalini yakhe. Bakufika ekhaya bambalisela umama kaNomnqwazana ngokwakwenzekile. UNomnqwazana wangxoliswa kwada kwatshona ilanga. Kwafuneka aphindaphinde athembise ukuba soze aphinde athethe nabantu angabaziyo, wade umama wakhe wamxolela ekugqibeleni.

Kude kube namhlanje uNandi (okanye uNomnqwazana) usasigcinile isithembiso sakhe. Ngamanye amaxesha ungambona esixekweni ethengela umama wakhe izinto ezivenkileni. Uthetha kuphela nabantu abaziyo. Kwaye uya kumbona ngomnqwazi obugolide nofana nomlilo asoloko ewuthwele – lo ukhangeleka ngathi wenziwe ngemitha yelanga nokukhanya kwenyanga.

“Ndiya kuMakhulu, ndimphathele isityu setumato esisidlo sasemini sangomso ngeCawa,” waphendula watsho uNomnqwazana.

“Awu, yantle loo ngcamango. Uhlala phi ke yena umakhulu wakho?” labuza ihlosi.

“Uhlala phaya kumzi wokugqala kule lali, kufutshane nomthi omkhulu *wekokerboom*. Uyawazi?” wabuza uNomnqwazana.

“Ewe ndiyawazi ke ngoku,” latsho ihlosi. “Nam kulapho ndiya khona. Mhlawumbi ndakufika kuqala kunawe kuba eyam imilenze ikhawuleza ngapheszu kwale milenzana yakho. Ndiza kumxela umakhulu wakho ukuba usendleleni eza kuye.”

“I’m going to my grandmother to take her some tomato bread for her Sunday lunch tomorrow,” answered Little Hat. “Ah, that is such a nice idea. And where does your grandmother live?” the leopard asked.


“She lives over there in the first house in the village, right next to the big kokerboom. Do you know it?” asked Little Hat.

“Yes! I know now,” said the leopard. “Well, that’s just where I am going. I will probably get there before you because my legs are much faster than your little legs. I’ll tell your grandmother that you’re on your way to her.”

The leopard darted across the dry veld and in no time at all he arrived at Little Hat’s grandmother’s house. He knocked on the door. There was no answer. He knocked again – louder this time – but there was no one at home. So he put his paw on the door handle, pressed it down and opened the door.

Ngenye intsasa yoMgqibelo umama kaNandi wathi, “Nomnqwazana, umdala ngokwaneleyo ukuba uzibonele indlela ngokwakho. Yisa le mbiza yesityu setumato kumakhulu wakho ibe sisidlo sakhe sangomso, uze umbuze ukuba uphila njani, ukhawuleze ubuye ke emva koko. Ungahambi usima endleleni, ungathethi nabantu ongabaziyo. Uyaqonda?”

“Owu, ewe, ewe,” watsho uNomnqwazana ngovuyo. Wayechulumancile njengoko wayehamba nembiza isebhasikitini. Waziva enegugu kuba ezihambela eyedwa.



Umakhulu kaNomqazana wayehlala kwenye ilali ekufutshane kwaye uNomqazana kwakufuneka enqumle ithafa elinengca ende ukuze ayekufika apho. Ekubeni ehambе umganyana, uNomqazana wacinga ukuba uve into ishukuma kufutshane naye. “Kukho umntu apho?” wabuza. “Owu, molo,” latsho ihlosi, “kuhle ukukubona Nomqazana.” Lalimbukele eshiya ilali yakhe ehamba laza lamlandela, lihamba lisithela ngamatye. Lasondela kuye oku kwenja enobudele waza uNomqazana wema wathetha nalo, nto leyo wayengamelanga tu ukuba uyenzile!

“Unjani Nomqazana?” labuza ihlosi. “Undazela phi?” kwabuza uNomqazana. “Ungubani igama lakho?”

“Igama lam ndingumhlobo Hlosi. Uya phi ke wena nzwakazi, utsho ngomqwazi obugolide nembiza yokuya?” labuza ihlosi.



Little Hat’s grandmother lived in the next village and Little Hat had to walk through the veld to get there. When she had gone a little way, Little Hat thought she heard something moving nearby.

“Is someone there?” she asked.

“Oh, hello,” said the leopard, “so nice to see you, Little Hat.” He had watched her leave her village alone and had followed her, hiding behind the rocks as he went. He came up to her like a friendly dog and Little Hat stopped to talk to him, which was the last thing she should have done!

“How are you, Little Hat?” the leopard asked.

“How do you know me?” asked Little Hat. “What’s your name?”

“My name is Friend Leopard. And where are you going pretty one, with your golden hat and pot of food?” asked the leopard.

Ngaloo mzuzu umakhulu kaNomqazana wafika ekhaya ingxowa yamayaza engasenanto. Walibona ihlosi livula ucango, wakhawuleza wavula ingxowa wavala indlela ephuma emyango ngayo. “Owu hayi awuyi ndawo!” watsho eganga ihlosi elifaka engxoweni.

Kuthe emva koko ikhalipha lomama omdala labaleka nengxowa leyo, laya kuyiphosa emlanjeni. Ihlosi latshona ngeneloko emanzini.

Just at that moment Little Hat’s grandmother arrived home with her empty herb sack over her shoulder. She saw the leopard opening the door and quickly opened the sack and stretched it across the doorway.

“Oh no, you don’t!” she said, catching the leopard in the sack.

Then the brave old lady ran to the dam and threw the sack into it. The leopard fell head first into the water.



## Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Na'ibali Supplement: *Little Hat* (pages 5, 6, 11 and 12), *Sindiwe and the fireflies* (pages 7 to 10) and *Sefako and the singing crocodile* (page 14).




## Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyilinga. Isekelwe kuwo onke amabali kolu shicilelo loHlelo lukaNa'ibali: *UNomnqwazana* (amaphepha 5, 6, 11, nele-12) *USindiwe kunye neenkanyezi* (amaphepha 7 ukuya kwi-10) nelithi *USefako nengwenya eculayo* (iphepha 15).


### Little Hat

- ★ Which parts of the story could really happen and which are just make-believe? Make two lists, headed "Real" and "Make-believe". (For example, Real: leopard; Make-believe: animals can speak.)
- ★ Make "Wanted" posters that could help the people in the village catch the leopard.
  - ✂ Draw a picture of the leopard.
  - ✂ Write descriptions of his eyes, fur and claws; what he did; where he was last seen and what reward is being offered for useful information about the leopard.
- ★ Write a letter from the leopard to Nandi and her grandmother to apologise for what he did wrong.



### UNomnqwazana

- ★ Zeziphi iindawo ebalini ezazinokwenzeka ngokwenyani yaye izeziphi ezokuzicingela nje? Yenza izintlu ezimbini, zibe nezihloko ezithi "Ezokwenyani" kunye nezithi "Ezokuzicingela." (Umzekelo, Eyokwenyani: ihlosi; Eyokuzicingela: izilwanyana zingathetha).
- ★ Yenza iiposta ezithi "Liyafunwa" ezazinokunceda abantu besixeko ukuba balibambe ihlosi
  - ✂ Zoba umfanekiso wehlosi
  - ✂ Bhala inkcazelo yamehlo alo, isikhumba neentupha zalo; into eliyenzileyo; apho lagqityelwa khona ukubonwa; nokuba ngowuphi umvuzo onikezelwayo ngolwazi olufunekayo ngehlosi.
- ★ Bhala ileta esuka kwihlosi eya kuNandi nomakhulu wakhe licela uxolo ngento engalunganga elaliyenzile.



### Sindiwe and the fireflies

- ★ What questions would you ask Sindiwe Magona if you were to meet her?
- ★ Roleplay a television interview with Sindiwe. Take turns being the interviewer and Sindiwe.
- ★ Find out more about Sindiwe Magona on the internet or at the library. Then try reading one of her books that you have not read before. Sindiwe writes for children and adults, so there is something for everyone!
- ★ Using the maps in an atlas, find the place where Sindiwe was born, where she went to university and where she lived when she came back to South Africa.

### USindiwe kunye neenkanyezi

- ★ Yeyiphi imibuzo obunokuyibuza uSindiwe Magona ukuba ubunokudibana naye?
- ★ Dlalani ulinganiso lodliwano-ndlebe noSindiwe. Nikanani amathuba nibe ngumbuzi okanye uSindiwe.
- ★ Fumanisa ngakumbi ngoSindiwe Magona kwi-intanethi okanye kwithala leencwadi. Uze uzame ukufunda enye yeencwadi zakhe ongekayifundi ngaphambili. USindiwe ubhalela abantwana nabantu abadala ngoko ke ikhona into yomntu wonke!
- ★ Usebenzisa iimephu kwi-atlasi, khangela indawo awazalelwa kuyo uSindiwe, iyunivesithi awafunda kuyo nendawo awahlala kuyo esakubuyela eMzantsi Afrika.



### Sefako and the singing crocodile

- ★ Sefako falls in love with a crocodile. Do you think it is possible to love a crocodile? Why or why not?
- ★ If you could have any animal for a friend, which animal would you choose, and why?
- ★ Draw your favourite animal. Write a song or poem about your animal.



### USefako nengwenya eculayo

- ★ USefako uthandana nengwenya. Ucinga ukuba kungenzeka ukuthanda ingwenya? Ngoba kutheni okanye kungatheni?
- ★ Ukuba unganomhlobo osilwanyana, sesiphi isilwanyana ongasikhetha, yaye ngoba kutheni?
- ★ Zoba esona silwanyana osithandayo. Bhala ingoma okanye umhobe ngesilwanyana sakho.



Drive your imagination



# Sefako and the singing crocodile



Written by Rudo Mungoshi ■ Illustrated by Samantha van Riet

Many years ago, in a faraway village, there lived a beautiful girl called Sefako. Sefako stole the hearts of many men in the village. They would write poems and songs praising her beauty. But Sefako was not interested in marrying any of them, and this made her father angry because he thought it was time for his daughter to settle down.

What Sefako did not know was that she had an unusual secret admirer! And this secret admirer was the crocodile who lived at the river where she fetched water. Every day, a few hours before sunset, Sefako would walk down to the river with her clay pot to fetch water for the evening meal.

Sefako had a habit of taking a short nap under her favourite tree after drawing water from the river. The crocodile often hid in the water watching her sleep. He longed to speak to her but had no idea as to how he could get her attention without scaring her.

One day, the crocodile found the courage to come closer to Sefako after she had fallen asleep. The lovestruck crocodile was so happy to be near Sefako that he started singing about his love for her.



Sefako heard the beautiful song and turned in her sleep, thinking that she had to be dreaming. The crocodile did not want Sefako to wake up and see him, so he slid back into the river quickly.

This happened again the next day ... and the next ... and the next. Sefako would hear the crocodile singing to her in her sleep but when she woke up, there was no one around. She only heard the gentle rustling of the leaves and the cattle bellowing far away.

The singing moved her heart, and Sefako wanted to see the singer more and more. So Sefako began to search for the mysterious voice among the reeds, trees and grass but she found no one.

One day, Sefako decided she would not search for the mysterious singer any longer. Instead, she planned to catch the owner of the beautiful voice!

Sefako collected water from the river as usual and went to lie down under her favourite tree pretending to sleep. As usual, the lovesick crocodile crawled out of the river to sing to her.

When Sefako heard the beautiful voice, she opened her eyes quickly and found herself gazing into the eyes of ... A CROCODILE!

Sefako was very scared! Quickly, she leapt to her feet, knocking over her clay pot and spilling all the water on the ground. Then she started to run up the bank but, unfortunately, tripped over a rock and fell, hitting the ground with a heavy thud. The lovesick crocodile, who had followed her, stood nearby watching her. As he crawled closer, Sefako froze with fear.

"Don't be afraid," said the crocodile gently. "I have watched you sleeping under that tree for so many days, but I have not hurt you. Why would I eat you now?" Then the crocodile started to sing a soothing song that instantly warmed Sefako's heart.

No longer afraid, the beautiful girl sat up and listened to the voice that she was growing to love.

After that, Sefako would rush down to the river to meet the singing crocodile every evening, and after a while, she decided that she wanted to marry him.

Eventually, she found the courage to tell her father.

Sefako's father was not pleased at all! "Does this crocodile of yours have any cattle to pay your dowry?" he asked angrily. "Will he be able to give you children and build a home for you?"

Even though Sefako's father did not approve of her marrying the crocodile, her feelings did not change. When her father realised that his daughter was not going to change her mind, he locked her up in one of the village huts. Every day at midday, he would bring her food and check on her.

But one day Sefako's father forgot to lock the hut's door. Sefako waited a while to make sure it was safe before she opened the door and quickly ran down to the river.

As soon as she got there, Sefako called out, "Crocodile, Crocodile, it's me, Sefako!" The crocodile, who had been looking for her desperately for many days, rose from under the water to greet her.

The next day, Sefako's father discovered that she was missing, and he was furious! Filled with anger, he grabbed a thick stick and followed his daughter's footprints to the river. He was determined to stop his daughter from marrying the crocodile.

When he reached the banks of the river, he saw Sefako swimming in the river with the crocodile beside her.

"Sefako, Sefako," he called. "Come back here immediately! You may not marry that crocodile."



Sefako turned her head and waved to her father before swimming away with the crocodile. The troubled father watched helplessly as his daughter and the crocodile disappeared under the water.

Some time later, Sefako returned to visit her village. Her father's heart was filled with joy to see her. He had missed her so much, and in that moment, he knew what he had to do.

"Welcome, welcome, both of you," he said, running to greet Sefako and the crocodile. And then he turned to the crocodile and said, "Welcome to our family."





## USefako nengwenya eculayo

Libali likaRudo Mungoshi Imifanekiso izotywe nguSamantha van Riet



Kwiminyaka emininzi eyadlulayo, kwisixeko esikude kakhulu, kwakuhlala intombazana entle egama linguSefako. USefako wayexhiphule umxhelo wabafana abaninzi esixekweni. Babebhala imihobe neengoma bencoma ubuhle bakhe. Kodwa uSefako wayengenamdlu wokutshata namnye kubo, yaye oku kwakumcaphukisa utata wakhe kuba wayecinga ukuba yayilixesha lokuba intombi yakhe izinze.

Into awayengayazi uSefako yayikukuba wayenento engaqhelekanga eyayimbuka! Yaye le nto yayimbuka emfihlekweni yayiyingwenya eyayihlala emlanjeni apho wayesikha khona amanzi. Yonke imihla, iiyure nje ezimbalwa phambi kokuba litshone ilanga, uSefako wayesihla aye emlanjeni nomphanda wakhe wodongwe ayokukha amanzi ekhelela isidlo sangokuhlwa.

USefako wayenesiqhelo sokulala nje umzuzwana phantsi komthi awayewuthanda kakhulu emva kokuba ekhe amanzi emlanjeni. Ingwenya yayisoloko izimela emanzini imbukele elele. Yayinqwenela ukuthetha naye kodwa yayingazi ukuba ingalutsala njani uhoyo lwakhe ingamoyikisanga.



Ngenye imini ingwenya yafumana isibindi sokusondela kuSefako emva kokuba elele. Ingwenya eyayisifa luthando yayonwabe kakhulu kukuba kufutshane noSefako yaza yaqalisa ukucula ngothando lwayo kuye.

USefako wayiva ingoma emnandi waza waguquka esebuthongweni, ecinga ukuba unokuba wayephupha. Ingwenya yayingafuni ukuba uSefako avuke ayibone, yaza yatshebeleza yabuyela emlanjeni ngokukhawuleza.

Oku kwenzeka kwakhona ngosuku olulandelayo ... nolulandelayo ... nolulandelayo. USefako wayeyiva ingwenya imculela esebuthongweni, kodwa athi akuvuka, kungabikho mntu ubonakalayo. Into ekuphela kwawayeyiva kukurhashaza ngokuzolileyo kwamagqabi kwakunye neenkomo zikhala zikude.

Ukucula kwayichukumisa intliziyo yakhe, waza uSefako wafuna ukumbona ngakumbi nangakumbi lo mntu uculayo. Ngoko ke uSefako waqalisa ukukhangela ilizwi elifihlakeleyo phakathi kweengcongolo, imithi nengca kodwa akafumana mntu.

Ngenye imini, uSefako wagqiba kwelokuba akazuphinda ayikhangele imvumi. Endaweni yoko, wazimisela ukumbamba umnini welizwi elimnandi!

USefako wakha amanzi emlanjeni njengesiqhelo waza waya kulala phantsi kowona mthi awuthandayo esenza ngathi ulele. Njengesiqhelo, ingwenya eseluthandweni yarhubuluzela yaphuma emlanjeni izokumculela.

Wathi uSefako akuva ilizwi elimnandi, wavula amehlo akhe ngokukhawuleza waza wazifumana ejonge kumehlo e... NGWENYA!

USefako wayesoyika kakhulu! Ngokukhawuleza watsiba wema ngeenyawo, wagila ingqayi yakhe yodongwe aza achithekela emhlabeni onke amanzi. Waza waqalisa ukubaleka enyusa udonga lomlambo kodwa, ngelishwa, waqubeka elityeni wawa, wabetheka bhuma kabuhlungu. Ingwenya eseluthandweni,

eyayimlandela, yema kufutshane imjongile. Njengoko yayirhubuluzela isondela, uSefako wema bhuxe kukoyika.

"Musa ukoyika," yatsho ngokuthambileyo ingwenya. "Ndikubukele ulele phantsi kwalaa mthi imihla emininzi, kodwa khang ndikwenzakalise. Ndingakutyela ntoni ngoku?" Yaza ingwenya yaqalisa ukucula ingoma ethuthuzelayo eyanyibilikisa intliziyo kaSefako ngoko nangoko.

Ingasoyiki, intombi entle yahlala yathi qwa yaza yaphulaphula ilizwi eyayikhulelwa kukulithanda.

Emva koko, uSefako wayengxama ukuhla ukuya emlanjeni ukuya kudibana nengwenya eculayo yonke imihla ngokuhlwa, kwaza emva kwexesha, wagqiba kwelokuba ufuna ukuyitshata.

Ekugqibeleni, wafumana isibindi sokuba axelele utata wakhe.

Utata kaSefako zange onwabe konke konke! "Ingaba le Ngwenya yakho inazo iinkomo zokulobola?" wabuza ngomsindo. "Ingaba iza kukwazi ukukunika abantwana ize ikwakhele ikhaya?"

Nakuba utata kaSefako wayengavumelani nokuba uSefako atshate nengwenya, kodwa imvakalelo yakhe zange itshintshe. Wathi utata wakhe akuqonda ukuba intombi yakhe yayingazi kutshintsha ingqondo yayo, wayitshixela kwenye yeerontawuli zesixeko. Yonke imihla emini emaqanda, wayeyiphathela ukutya aze ayibone.

Kodwa ngenye imini utata kaSefako walibala ukulutshixa ucango. USefako walinda umzuzwana ukuqinisekisa ukuba akukho ngxaki naphambi kokuba aluvule ucango aze abaleke ngokukhawuleza ukuhla ukuya emlanjeni.

Wathi nje ukuba afike apho, uSefako wamemeza, "Ngwenya, Ngwenya, ndim, uSefako!" Ingwenya, eyayimkhangela seyiphelwa lithemba iintsuku ngeentsuku, yaphuma emanzini ukuza kumbulisa.

Ngosuku olulandelayo, utata kaSefako wafumanisa ukuba wayelahlekile, yaye wayenomsindo! Engxalwe ngumsindo, waqubula intonga enkulu walandela imizila yeenyawo zentombi yakhe ukuya emlanjeni. Wayezimisele ukuba uza kuyinqanda intombi yakhe ukuba itshate ingwenya.

Wathi akufika kudonga lomlambo, wabona uSefako edada emlanjeni nengwenya isecaleni kwakhe.



"Sefako, Sefako," wakhwaza. "Yiza apha ngoku! Awunakutshata loo Ngwenya."

USefako waguquka waza wawangawangisa kutata wakhe embulisa phambi kokudada emke nengwenya. Utata okhathazekileyo wabukela engenanto inokumnceda njengoko intombi yakhe nengwenya banyamalala phantsi kwamanzi.

Ethubeni, uSefako wabuya ukuzokutyela isixeko sakhe. Intliziyo katata wakhe yayizele luvuyo kukumbona. Wayemkhumbule kakhulu, yaye ngaloo mzuzu, wayazi into amakayenze.

"Namkelekile, namkelekile, nobabini," watsho, ebaleka esiya kubulisa uSefako nengwenya. Waza waguqukelela kwingwenya wathi, "Wamkelekile kusapho lwethu."

# Nal'ibali fun


## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.

In the story *Little Hat*, Nandi's mother tells her never, ever to talk to strangers. Imagine that one week later, Nandi, her mother and grandmother meet another leopard in the veld. Draw Nandi's mother and grandmother. Add some speech bubbles to the drawing and write what you think Nandi, her mother, her grandmother and the leopard would say to each other.

Kwibali elithi *UNomqwazana*, umama kaNandi umxelelela ukuba angaze naninini na athethe nabantu angabaziyo. Yiba nomfanekiso ngqondweni wokuba kwiveki enye elandelayo, uNandi, umama wakhe nomakhulu wakhe badibana nelinye ihlosi edlelweni. Zoba umama kaNandi nomakhulu wakhe. Fakela amaqam entetho kumzobo uze ubhale into ocinga ukuba uNandi, umama wakhe nomakhulu wakhe nehlosi babeza kuyithetha omnye komnye.



2.

### Here's a word challenge!

- Follow the rules in the box and use the letters in the word wheel to complete this word. (Two of the letters have already been used.)  
m \_ \_ a \_ \_ \_ \_
- How many other words can you make following the same rules? (Remember: The letter in the middle of the wheel MUST be in each word!)

#### Rules

- Make words with two or more letters in them.
- Use each of the letters in the wheel only once in each word.
- Always include the letter in the middle of the wheel in your words.
- No proper nouns allowed.



### Nangu umngeni wamagama!

- Landela imithetho esebhokisini uze usebenzise oonobumba evilini lamagama ukuze ugqibezele eli gama. (Oonobumba ababini kubo sebesetyenzisiwe.)  
i \_ \_ \_ z \_ \_ \_
- Mangaphi amanye amagama onokuwabumba ngokusebenzisa kwayona le mithetho? (Khumbula: Unobumba osembindini wevili UFANELE ukuba segameni ngalinye!)

#### Imithetho

- Yakha amagama anoonobumba ababini okanye ngaphezulu kuwo.
- Sebenzisa omnye woonobumba evilini kanye kuphela egameni ngalinye.
- Yiba soloko uquka unobumba osembindini wevili emagameni akho.
- Azivumelekanga kwaphela izibizo-ngqo.




---



---



---

Answers: 1. 12. magazine; man, mane, name, game, gaze, amen, age, amaze  
Impendulo: 1. 12. imagazini; imizekelo: igazi, imagi, igama, igiza, izaga

Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)
[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)
[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)
[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)
[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)
[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Sindiswa Mbokodi. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

